INGXELO YOVIWO LUKANOV/DEC 2006 - ISIXHOSA IPHEPHA LOKUQALA, UHLELO OLUPHAKAMILEYO –
ISIXHOSA FIRST LANGUAGE HG P1 NOVEMBER 2006

Iphepha belilula, lilandeleka nakwabafundi basebusuku, kuba belilungiselwe zonke iindidi zabafundi. Imibuzo ibikhatshwa yimizekelo ingakumbi kula macandelo abohlulayo minyaka le ,umz: Umbuzo 4 wokusetyenziswa kolwimi, umbuzo 5 wegrama nombuzo 6 oqwalasela, ingxelo-ntetho, iziphene nezilandulo. Benzelwe lula kuba ibikhona imibuzo kwizicatshulwa efuna banike izimvo zabo. Kuba lulutho kubafundi ukubanika isihloko ezichaphazela impilo yabo yemihla ngemihla, kodwa likhona igcuntswana labafundi, olusuka luphakule kanobom kuvimba wamavo abo xa bephendula lo mibuzo. Umzekelo kwizicatshulwa zontathu, kwesokuqala besithetha ngokuxhatshazwa kwabafazi, kumfundi oyiphilayo le ntlalo kokwabo ubumva kwalapha empendulweni. Isicatshulwa sesibini besingomlilo ogqugqise amatyotyombe , ubusiva kwiimpendulo zabo kwabo banengqumbo ngokuhamba njengonwabu kukaRhulumnte kwizikhalazo zabo kwalapha ezimpendulweni. Isicatshulwa sesithathu besithetha ngotywala, bayabazi utywala bogqitha nootitshala kuba inkoliso ibingashwankatheli le nto ikwisicatshulwa bebephakula kuvimba wolwazi kwabo ngotywala. Bebefakela nezinto ezingekho kwisicatshulwa ezihambisa umzimba, zokuba utywala bugqiba amaphambili amadoda, buphelisa imitshato kuba amadoda aba neswekile angakwazi ukusebenzisa amaphambili abo. Esinye sezizathu esenza bangakwazi ukuphendula izicatshulwa kukubuzwa kwezihloko abangaziqhelanga, kodwa xa beziqhele kakhulu, bayagabadela, baphakule kanobom kumava abo.

Ngebenze kakuhle kakhulu xa bebelandele imiyalelo, baqwalasele umthamo wempendulo ukuba mawulingane namanqaku. Baphendule ngokucacileyo, kuba kwabanye abafundi uyafunisela ukuba bebefuna ukuthini.

UMBUZO 1

Inkoliso yabafundi iqhube kakuhle kakhulu. Bambalwa njengokuba bekulindelkeile ukufumana abafundi abawaqokelele onke amanqaku kulo mbuzo. Isicatshuwla sona silula yaye siyalandeleka, kuba sithetha ngenye yeengaki yesizwe jikelele, eyokuphathwa gadalal kwabasetyhini ngamadoda. Imibuzo icacile, ingqalile nangona kukho abafund abambalwa ababhampulayo a bephendula. Iyothusa into yokufumanisa ukuba kusekho abafundi abangawuphenduliyo okanye bangawuphendli ngokwanelisayo umbuzo ofuna banike izimvo zabo. Lo mbuzo ngulo ulungiselelwe ukuba baqokelele khona amanqaku. Uninzi lwabo loyisiwe kukunika isithetha- ntonye kumbuzo 1.10.1 – “Iingcali” baphela besebenzisa la magama etsotsi taal angamkelekanga esiXhoseni, afana “nengqoko-ngqoko”, “ungqesta” namanye. Abafundi basafuna ukuqeqeshwa kanobom ukusebenzisa izivakalisi ezizeleyo xa bephendula.

UMBUZO 2

Nakwesi sicatshulwa kuchatshazelwa enye yeengxaki egqibe negqugqise ilizwe, eyomlilo othe gqolo ngokugqugqisa ematyotyombeni. Abafundi yinto abachaphazeleka kuyo imihla nezolo. Loo nto uyibona xa bependula , kuba baphakula kanobom kuvimba wamavo abo, bangaphenduli into elapha kwisicatshulwa. Abalwa nabanengqumbo kurhulumente awuyifuniselo loo nto, uva kwiimpendulo zabo, umz: Kumbuzo 2.4.1 no 2.4.2. Abawai tu amaqhalo kumbuzo 2.8. Inkoliso yabo yohlulekile ngumbuzo 2.12 kuba kuthiwe mabanike ezinye iingcebiso ngaphandle kwezi zilapha kwisicatshulwa. Abayifundisisi imibuzo baphendula ukuyiqhela. Inkoliso iphendula kakuhle nangona kunqaphazeka ukufumana abafundi abawaqokelele onke amanqaku.

UMBUZO 3

Likhona iqaqobana labafundi elincomekayo, ekucacayo ngaphandle kwamathandabuzo ukuba bawuqeqeshiwe ukuphendula lo mbuzo.